Isalathiso: 20170302-8782
13/7/1/2
Imibuzo: AB Jantjies

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0004/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; KuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: IZikhokelo zeeMviwo zeBakala 12 zeeMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* zango-2017

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE*) liqulunqe izikhokelo zoviwo kwiinzame zalo zokuncedisa ootitshala nabafundi xa belungiselela iimviwo ze-*NSC* zango-2017.

2. Izikhokelo zoViwo lwe*NSC* ngo-2017 *(2017 NSC Examination Guidelines*) azikuchaphazeli kangako ukufundisa nokufunda yaye aziyichaphazeli nekhontenti, njengoko kumiselwe kwiNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*CAPS*).

3. Ezi Zikhokelo zoViwo lwe*NSC* zango-2017, zilungisa iimpazamo zomgaqo-nkqubo ezaziqatshelwe kwiZikhokelo zoViwo zango-2014 *(2014 Examination Guidelines),* zinika ingcaciso emalunga neemviwo zokugqibela ze-*NSC* yaye mazisetyenziswe kunye neNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*CAPS*) kwisifundo ngasinye.

4. Ziyafumaneka iZikhokelo zoViwo lwe*NSC* zango-2017 kuzo zonke izifundo ngaphandle kwakwizifundo ze-*Electrical Technology* ne-*Civil Technology*, apho zingeyomfuneko khona.

5. Zifumaneka ezi zikhokelo kwiziko lewebhu lovavanyo eliyi-*Western Cape Education Department (WCED) Further Education and Training (FET) assessment website*, http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za/, ngokwenza oku kulandelayo:

- Yalatha ku-"*Assessment Management*" uze uklikhe ku-"*FET Assessment*".
- Klikha ku-"*Downloads*" ngasekhohlo.
- Klikha kwifolda engu-"*2017 NSC Examination Guidelines*" *folder*.

6. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala nabafundi beBakala 12 ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-03-12